

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*


# ULinda uya kwagqirha



ULinda akaziva mnandi namhlanje.

Unesifuthufuthu kwaye uyabila.

Uxelela uBobo ubherana wakhe, "Andiphilanga. Ndisuke ndashushu."



Uthe umama kaLinda akuyiqaphela le nto wamsa kwagqirha uLinda. Umama umchazele umongikazi ukuba uLinda akaphilanga.


"ULinda ushushu kakhulu," utshilo umama.

Kungekudala ugqirha umbizele egumbini lokuxilongela uLinda.



"Molo Linda, uziva njani?" ubuzile ugqirha.

ULinda uyamchazela ugqirha ukuba akaziva mnandi. Ugqirha uthe uza kumxilonga uLinda ukuze abone ukuba ugula yintoni na.






"Masibone ke ngoku ukuba unzima kangakanani," utshilo ugqirha. "Kwakuhle, unobunzima obungangeekhilogrem ezingama-25," uqhube watsho ugqirha.

"Makhe sibone ukuba umde kangakanani," utshilo ugqirha. "Umde kangangeesentimitha ezili-125," utshilo ugqirha.





Ugqirha umlalisile waza
wamxilonga esiswini uLinda.
Asikhange sibe buhlungu isisu.



Ugqirha uye wamamela isifuba sikaLinda.
Akubanga buhlungu.



Ugqirha ujonge iindlebe zikaLinda.
Akavanga buhlungu nalapho.

Ugqirha ujonge ngaphakathi emlonyeni kaLinda.
Akavanga nto ibuhlungu.



"Uyagula ngenene. Unomkhuhlane. Kuza kufuneka ndikuhlabe inaliti ndikunike namayeza," ugqirha umxelele njalo uLinda.

Ugqirha umhlabe inaliti uLinda. Uve kabuhlungu kweli tyeli.

"Shuu!" ukhale watsho uLinda.





ULinda ucele ugqirha ukuba
ancede uBobo.
"Gqirha, uBobo uyagula naye,"
uLinda uxelele ugqirha.
"Nyhani, uyagula Bobo?" ubuzile
ugqirha.
UGqirha umamele esifubeni
sikaBobo. Khange ave buhlungu.

Uthe akugqiba ukumxilonga ugqirha wabeka iplastara emlenzeni kaBobo.
"Uza kuziva ngcono ke ngoku, Bobo," watsho ugqirha.



Ugqirha unike uLinda amayeza.
Kufuneka asele itisipuni enye kathathu ngemini.
Uye wampha nesitoki.
"Uyintombazana ekhaliphileyo Linda," utshilo ugqirha.
"Enkosi kakhulu Gqirha," utshilo uLinda.
"Gqirha ndicela umphe isitoki naye uBobo."



"Owu! Uxolo ndilibele!" utshilo ugqirha.
"UBobo uza kufumana izitoki ezibini."



# Ukukhathalela ubherana ogulayo.









Ingaba unesifuthufuthu ubherana wakho?

Mphe amayeza akhe ubherana.

Mfundele ibali ubherana wakho.













Mlalise ubherana wakho.

Mphe isuphu ubherana wakho.

Menzele ikhadi elimnqwenelela impilo entle.

Mgone ubherana wakho.



# Imisebenzi yokufunda yamaqela

1 Jonga imifanekiso.
Xelela umhlobo wakho ukuba ngowuphi umfanekiso oza kuqala, owesibini, owesithathu nowesine.
Balisela umhlobo wakho ibali usebenzise imifanekiso.









2 Thethani ngezi zinto zilandelayo.

a. Sithini isihloko seli bali?

b. Wenze ntoni ugqirha kuLinda?

c. Ugqirha wenze ntoni kuBobo?



3 Yenzani umdlalwana nilinganise ibali.



4 Khangela ezi zandi kumagama akumqolo ngamnye, uze ubiyele isandi ngasinye.

| | | | |
|---|---|---|---|
| hl | hlaba | hleba | hluza |
| ny | unyawo | inyanga | inyama |
| kh | khula | khala | khetha |
| sh | ushushu | ishiti | ishumi |
| gq | ugqirha | gqitha | gqiba |



5 Khetha isandi kwezi ugqibezele amagama ahambelana nemifanekiso.

nk hl ty

| | | | |
|---|---|---|---|
|  |  |  |  |
| intya__ambo | iso__a | __amba | isi__a |



6 Khangela ebalini izivakalisi ezinezi ziphumlisi uze uzibhale encwadini yakho.

Isingxi (.) uphawu lombuzo (?)



7 Jonga lo mfanekiso. Bhala izivakalisi ezi-2 ngawo.





8 Yenzela uLinda ikhadi elimnqwenelela ukuba aphile.

| | |
|---|---|
| Linda<br>endimthandayo<br>Phila ngokukhawuleza!<br>Livela ku ______<br> | Zoba umfanekiso. |

Inqanaba: 3

# Incwadi 2

| | |
|---|---|
| Isihloko: | ULinda uya kwagqirha |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga loku-1 Incwadi yesi-2 Inqanaba 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | umlomo, mna, yena, naye, thina, ukugula, iindlebe, umlomo, utshilo, umphe |
| Isigama: | ugqirha, ukuxilonga, ubunzima, isisu, isifuba, inaliti, iyeza, umongikazi, mamela, ubushushu |
| Izandi: | gq, hl, sh, kh, rh, nz, ndl, th, ny, ee, ii |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Lungisa imifanekiso ilandelelane kakuhle uze ubalise ibali kwakhona.<br>▪ Yenzani umdlalwana.<br>▪ Amagama anemvano siphelo okanye ahambelanayo.<br>▪ Landelelanisa ngokwealfabhethi.<br>▪ Iziphumlisi (. ?)<br>▪ Thetha ngebali (isiqalo, umbindi, isiphelo).<br>▪ Bhala izivakalisi zibe zibini ngebali.<br>▪ Zoba umfanekiso ubonise ezi zivakalisi. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

ISBN 978-1-4315-2633-8

9 781431 526338

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2633-8

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-1 zoLwimi Lweenkobe:

Inqanaba: 1
- USele uya esikolweni
- Ndiyakwazi ukufunda
- Siya esikolweni
- Usuku lwemidlalo yezilwanyana

Inqanaba: 2
- Siyayithanda ibhola ekhatywayo
- Silinganisa iimpahla
- UBathathe unomhlobo omtsha
- UTshotsho ilori etiphayo

Inqanaba: 3
- Isikhukukazi esibomvu
- ULinda uya kwagqirha
- Iphupha likaDudu